education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)
IPHEPHA LOKUQALA (UMZEKELO) (P1)

EXEMPLAR 2007

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI

1. Phendula YONKE imibuzo.

2. Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha, uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.

3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.

4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo nendlela owakha ngayo izivakalisi.

ICANDELO A

UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

ISHISHINI ELINOMAHLUKO

UJohnson Ngqawela onama-42 eminyaka wazalwa esisithulu yaye engakwazi ukuthetha. Unoonyana ababini yaye uthi kudala abantu bemqhitsa kuba enesiphene emzimbeni. 'Kwesiny' isiganeko esibalaseleyo umqhubi weteksi wazama ukundihlawulisa i-R500 ngomgama nje oziikhilomitha ezingama-30. Ndamhleka nje ndaza ndamhlawula imali efana neyabanye. Babengazi ukuba ndiyakwazi ukuyibona imilebe yabo xa bethetha,' utsho. UNgqawela 'uthetha' ngezandla aze abhale phantsi izinto azicingayo yaye uthi kukho abantu abafuna ukuchwelelwa izinto baze bangafuni kuhlawula. 'Baye bacingel' ukuba ndisisiyatha ngenxa yokuba ndisisithulu ndingakwazi nokuthetha.'

'Ndiyazilwela xa kukho umntu ofun' ukundiqhitsa. Ndibagqithisele emagqwetheni abantu abaninzi abangandihlawuliyo kodwa ndibe ndibenzele kakuhle umsebenzi.
Kulapho bebebona khona ke ukuba andisiso isiyatha - batsho bandihlawule ngokukhawuleza.' UNgqawela waqalisa ishishini lokuchwela alibiza ngeBuntu Creative Welding emzini wakhe kunye nabahlobo bakhe abathathu abazizithulu nabo yaye wayengazi ukuba eli shishini lingaba nempumelelo kangaka. Emva kokuba esebenze kwinkampani enkulu yabachweli ePitoli iminyaka eli-17 wabon' ukuba unawo amava okwenza amasango neentsimbi zeminyango neefestile ezithintela abaqhekezi.
'Yibize nje ngegama intsimbi oyifunayo ndiza kukwenzela!' utsho. Kuba wayezimisele ukuvula elakhe ishishini wonga imali kumvuzo wakhe wenyanga waza watheng' izixhobo eziyimfuneko kweli shishini lakhe. Wawushiy' umsebenzi waza wagoduka esiya kuqal' ubomi obutsha nosapho lwakhe.' Yeyona nto yakha yaba nzima leyo.

Wonk' umntu onomsebenzi osisigxina ufun' umvuzo xa kuphel' inyanga ukanti xa uzisebenzela wena awuyazi into eza kwenzeka!' Ngoku sele eqeshe abantu abathathu nabanye abathathu 'abazizingxungxu' abasebenza xa exakeke kakhulu. U-Andile Ngese oneminyaka ongama-22 uthi ukuba ebengekho uJohnson ngeba akasebenzi. 'Ukuchwela ndakufunda esikolweni yaye ndandisazi ukuba ndiza kusebenza kwishishini lakho. Ndaphelelwa lithemba emva kweminyaka emininzi ndingawufumani umsebenzi,' wongeze ngelo. 'Ndandifun' ukusebenza hayi ukuphila ngemali yendodla ubomi bam bonke.'

UMakwande Banga onama-27 eminyaka, waseTranskei uthi yena wafunda esikolweni sezithulu i-Efata eMthatha eseyinkwekwana. 'Naye uJohnson wafunda e-Efata eselula kunjalo nje uyaphumelela usihlangule thina zithulu ngokusiqesha sonke.' Kwiminyaka emi-5 edlulileyo iBuntu Creative Welding ibisemzini kaNgqawela kuphela kodwa ngoku iza kuba negatya eMthatha. 'Saqala sachwelel' abamelwane zanwenw' iindaba yaye ngoku sifuman' ii-odolo kwiMpuma Koloni iphela,' kuchaza uNgqawela. Izithuthi zixhomile ngexabiso xa usiya ngaphandle kweScenery Park kodwa iikiliva zikho ziyasebenza ukuthuth' izinto zabantu. Nangona linempumelelo ishishini likaJohnson akazange akwazi ukufumana imali-mboleko ebhankini ukuze azithengel' imoto yokuthutha.

'Kunzima ukufumana ibhanki eza kuvuma ukunceda umntu osisithulu ngoko ndavela ndaphelelwa ngumdla ndayeka,' ucacise watsho. UThembinkosi 'Heavy' Yamile nguye obenceda uJohnson kule minyaka mibini ngokumthethela nokumphulaphulela.' Ndifakela zonk' iizixhobo zokhuseleko, i-intercoms namasango ombane yaye bendikade ndixhomekeke kwabany' abachweli ekwenzeni amasango,' kuchaza le ndoda inama-35 eminyaka. ' Abanye babewenza kakubi umsebenzi lo gama abanye babethath' idiphozithi endandibanika yona bengawenzi umsebenzi.' Yonke loo nto yatshintsha mhla kwafika uYamile eBuntu Creative Welders 'Unxibelelwano lwalunzima ekuqaleni kodwa ndavuya xa ndibona umsebenzi owenziwa nguJohnson nezinye izithulu. Uwenze kakuhle kakhulu umsebenzi wakhe yaye ungoyena mchweli ubalaseleyo endikhe ndasebenza naye.' UYamile osele engumhlobo omkhulu kaJohnson utyelela rhoqo kwishishini lakhe. 'Xa ndingasebenzi ndiye ndincede uJohnson ndimbambele iminxeba ndimncede nasekuthetheni nabathengi abatsha.'

[Ithathwe kwiBONA kaMatshi 2005 Iphepha le-18- ukuya kwele-19]

IMIBUZO:

1.1 Abanye abantu baye bafune ukuziqhitsela abantu abaneziphene emzimbeni becinga ukuba abaqondi . Kulo mhlomlo kwenzeka ntoni engqina oku? (2)

1.2 Wancedwa yintoni uJohnson ukuba aqonde ukuba uyaqhathwa ngoku, nto leyo awayengayiqondi yena unoteksi lo? (1)

1.3 Uthi uJohnson yintoni enzima xa uneshishini lakho, ube ubuqhele ukuphangela ? (2)

1.4 Xa ucinga ungathi kutheni umbhali esebenzise inqaku elilolu hlobo? (2)

1.5 Yiyiphi imiceli-mingeni aye wadibana nayo uJohnson kweli shishini lakhe? Nika iimeko zibe mbini onokuthi yayiyimiceli-mingeni. (2)

1.6 Ingaba uyavelana noJohnson kule meko wayezifumana ekuyo? Nika isizathu sempendulo oyinikileyo. (2)

1.7 Ingaba yamkelekile into yokuba iibhanki zingabameli abantu abazizithulu xa beboleka imali? Zixhase kwimpendulo oyinikileyo. (2)

1.8 Igama ' bemqhitsa' elisetyenziswe kumhlathi wokuqala linafuthe lini kwimeko elisetyenziswe kuyo? (2)

[15]

ISICATSHULWA B

UMBUZO 2

IZIYOBISI

Mlisela nomthinjana kha nicinge le nto:

Udibana nendoda ekhangeleka indala, ilumkile yaye ikonwabisa ngaphezu kwabahlobo bakho. Uba ngumhlobo wayo kuba ukonwabela ukuba kunye nayo. Inabahlobo abaninzi kodwa nonke unenza nizive nibalulekile kuye ...

Kungekudala ningumtya nethunga nale ndoda. Yona ikukhuleka ngetyathanga emqaleni kodwa wena awuboni. Kuthi kusuka ibe ifuna ukuba ube nomhlobo oyiyo kuphela yaye nokuba ngaba uthi uzama ukuphuncuka iza kukutsala ngelaa tyathanga ekubophe ngalo... Ivakala ngathi yifilim eyoyikisayo le, andibi? Xa uhleli ubukele le filim ungacingel' ukuba lo mntu usisihiba njengabantu abaya ezindlwini ezinemimoya emdaka behamba bodwa. Kutheni evumela le ndoda imkhuleke? Yicinge nawe le nto!
Asoze uvumele mntu ukuba ayenze loo nto kuwe, andibi? Imbi ngaphezu kwengcinezelo! Baninzi kakhulu abazivumelayo izinto ezilolo hlobo ukuba zibehlele yaye ndiqinisekile ukuba niyabazi abanye babo. Kaloku le ndoda ayikho mnyama yaye ayikho mhlophe, ziziyobisi ezi yaye zimenza loo nto umntu.

Ekuqaleni zikwenza isinhanha uze uzithande uzamkele kodwa kungentsuku zatywala ziya kukhuleka kube nzima ngolona hlobo ukwahlukana nazo. Musa ukutya. Kukangaphi uweva la mazwi? Ubukela imidlalo, uphulaphul'iititshala, uya kwiindawo ekulunyukiswa kuzo ngeziyobisi apho umamela amabali oyikisayo abantu ababesity 'iziyobisi...uyamazi unobangela wokuba kuthiwe iziyobisi azilunganga.

Aziyilungelang 'impilo yakho. Ziyabulala. Zikwenza uzibone sel' ujongene nezikrelemnqa ezithengis' iziyobisi. Zikhokelela ekuthengiseni ngomzimba, kulwaphulo - mthetho, zikwenza ubele abazali bakho ukuze ufuman' imali yokuzithenga. Yonke le nto uyayazi. Wonk' ubani uyayazi - kodwa loo nto ayibathinteli abany' abantu ekutyeni iziyobisi. Yintoni ingxaki? Kutheni le nto abantu bengawuva kakuhle lo myalezo? Abanye bathi kungenxa 'yoxinzelelo lweentanga'- ayisosizathu esivakalayo eso kufana nokuthi: 'Bendingafuni mama bandinyanzele!' Abanye benziwa ziimeko abakhulele phantsi kwazo njengokuxhatshazwa ekhaya, ukuba neengxaki esikolweni okanye ukudandatheka uze ufune ukutshabalalis' ubomi bakho. Kodwa baninzi abantu abatsha abaneengxaki ezikumila kunje kodwa bangabheneli kwiziyobisi! Impendulo ilula kakhulu. Nangona ezi zinto sizikhankanyileyo ziyidlal' indima kodwa abantu bazitya iziyobisi kuba zibenza bazive bemnandi! Oko kuziva bemnandi kukwenza uwalibale naloo mabali oyikisayo oweva ngabantu abadala. Iziyobisi zikwenza uzilibale iinkxwaleko zakho, kuphel' ukungazithembi, usizi, uloyiko nokufun' ukuxhomekeka. Ungade wenz' isigqibo sokutya iziyobisi ngenxa yokuba ubona ngathi wonk' umntu ufun' ukukulawula ... Yiyo loo nto amaphulo amaninzi alwa neziyobisi eba neengxaki. Alumkisa ngezinto ezikhoyo yaye akalibali ukuthi: iziyobisi ziyabulala kodwa ambalwa atshoyo ukuba makwenziwe ntoni ukuze zingatyiwa iziyobisi. Akatsho ukuba 'Musa ukutya iziyobisi, yenza le ...'

Naxa la maphulo ecebisa ngomakwenziwe kuvakala ngathi yintsomi. Umzekelo amanye athi zibandakanye kwimidlalo, uzigcine usempilweni kodwa udandatheko olukhokelela ekutyeni iziyobisi luntama ukuba awunawo amandla okudlala imidlalo eza kukugcina usempilweni. Ayisithi sonke esithand' imidlalo. Kufana nqwa necawa, abanye iyabanceda, abanye ayibancedi ...
Khumbula ukuba kubalulekile ukuba umntu azikise ukucinga kuba ubomi bunamahla-ndinyuka. Nokuba wenza ntoni na, abantu baza kukukhathaza, uza kuphoxeka, uza kuwazi ukuba amaphupha ayatshabalala maxa wambi. Bunjalo ke ubomi kumntu wonke.

[Ithathwe kwiBONA ka Apreli 2006 Iphepha lama-78 ukuya kuma-79]

IMIBUZO:

2.1 Xa ucinga yiyiphi le ndoda athetha ngayo umbhali kulo mhlomlo? (1)

2.2 Safobe sini asisebenzisileyo umbhali xa esithi yindoda le? (1)

2.3 Kubaluleke ngantoni ukuba umbhali asebenzise esi safobe ingakumbi xa ujonge imfundiso yakhe kulutsha malunga nale ndoda? (2)

2.4 Xa umbhali esithi le ndoda ' ikukhuleka ngetyathanga emqaleni kodwa wena awuboni,' usinika mfanekiso mni ngeziyobisi. Chaza ingakumbi ifuthe legama ityathanga. (2)

2.5 Nika iintsingiselo zala magama:

2.5.1 isihiba (1)
2.5.2 ukudandatheka (1)

2.6 Nika izizathu ezi-2 ezivezwa kulo mhlomlo ezinikwa ingakumbi ngabantu abatya iziyobisi malunga nezizathu zokuba batye iziyobisi. (2)

2.7 Ngokokubona kwakho uxinzelelo lweentanga lungade lumenze umntu atye iziyobisi? Zixhase kwimpendulo oyinikileyo. (2)

2.8 Ukuba unokubona umhlobo wakho sele engene nzulu kwiziyobisi, esengozini ungamcebisa ngelithini? (2)

2.9 Isihloko esinikiweyo kulo mhlomlo sithi:' iziyobisi' Xa ubungumhleli wale BONA ubunokuza nesiphi isihloko esitsala umdla? (1)
[15]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B

ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

UMFANEKISO A



UMFANEKISO B

Qwalasela le mifanekiso uze ushwankathele ngoko kuqhubekayo kuyo ubeka kuphela iingongoma eziphambili. Xa usenza oku velela le miba:

- Into ocinga ukuba yayiqhubeka kule mifanekiso .
- Imo ekwakuyiyo ngexesha kufotwa le mifanekiso.
- Inkangeleko yobuso babo ityhila ntoni ngokwale mifanekiso
- Imvakalelo yabo ngokwakuqhubeka kwaneyakho imvakalelo
- Veza unxibelelwano olukhoyo kule mifanekiso.

Shwankathela oku ngamagama angama-80.

AMANQAKU ELI CANDELO B: 10

ICANDELO C

UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

Izimvo zethu ezintle ziyatshabalala zingekaphunyezwa ngenxa yokuswela kwethu inkuthalo, ukuqeqesheka nokukhuthazwa. Abantu abaninzi wofika besithi baza kunciphisa umzimba, bambi bathi baza komelez 'imizimba yabo okanye baza kuyeka ukutshaya. Kuyathandabuzeka ukuba ezo ntshayi zingayeka kanti kufuneka zizicenge. UMphathiswa uyazohlwaya iintshayi, kuba zifundisa aba sisabaqeqeshayo ukutshaya beselula. Cinga ngenyathelo olithabathayo ingakumbi xa uphambi kwabantwana. Abantwana bamamela okuphuma emlonyeni baze bajonge nezenzo zabadala. Ndakungqina oku mhla abantu abathile babencokola ngasecaweni kanti bavelwe ngabantwana.

3.1 Zisetyenziswe njani ezi zigaba zentetho kwizivakalisi ezikuzo:

3.1.1 Isiphawuli u - abaninzi (1)
3.1.2 Isibizo u - ntshayi (1)

3.2 La magama alandelayo enze msebenzi mni kwizivakalisi akuzo?

3.2.1 UMphathiswa (1)
3.2.2 Iintshayi (1)

3.3 Anika ntsingiselo ni la magama ngendlela asetyenziswe ngayo kulo mhlomlo?

3.3.1 Emlonyeni (1)
3.3.2 Ecaweni (1)

3.4 Isenzi u-cinga sisetyenziswe kuyiphi imo? (1)

3.5 Sisebenzise ke esi senzi siku--3.4, sibonise isiganeko esenzeka ngoku. (1)

3.6 Isimva esinomgca ngaphantsi kwisenzi ngasinye kwezi zilandelayo senze msebenzi mni?

3.6.1 Bayaqeqesheka abanye abantwana. (1)
3.6.2 Wena mama uhlekana nam. (1)

[10]

UMBUZO 4

4.1 4.1.1 Yinto engxamele ukuxhaphaka ukuba abanye abantu bathi xa bejonge inenekazi elihle nohlobo oluveza umzimba benze isenzo esingamkelekanga eluntwini. Sesiphi eso senzo? (1)

4.1.2 Xa ujonge isihloko esikolu qweqwe lwemagazini esithi: iijezi ezisayiniweyo kunye namabhaso e-R262 000. Ungathi yintoni injongo yabashicileli bale magazini ngokusebenzisa olu hlobo lwefonti ku-R262 000. (1)

4.2 Kungani ukuba le magazini yeBona ibe zii-R6,95 eMzantsi Afrika, kanti kwamanye amazwe zii-R6,10. (1)

4.3 Luluphi udidi lwabantu olunokutsaleka lula ekuthengeni le Bona ngokwale mixholwana evezwe kolu qweqwe? Xhasa impendulo yakho. (1)
[4]

UMBUZO 5

Nazi iindaba zecala emva kwentsimbi yeshumi zifundwa ngumsasazi. Zilungise wena ngoku kusel' ithuba ukuze zifanele ukumanyelwa ngabantu:

Kuvakala ukuba ngonyaka wama-2010 kuza kube sekukho ulwandle erhawutini ukuze zingatshi abantu abafuna ukubukela ibola. Esifuna ukuyiqonda ndawana, yile yokuba kuza kuthathwa owaseThekwini ulwandle. Zilungiseleleni nonke bantu kuba kufuneka silole inqhondo kwangoku, sicingisise. Kuza kupapashwa nezithuba zabantu abahlekisayo. Ongenasiqinisekiso sebanga le-12 ngahle aphoswe. Fundani ke ngoko.

Mathongo amnandi. **[5]**

UMBUZO 6

Funda esi sibhengezo singezantsi, uze uphendule imibuzo ebuziweyo.

ISIBHENGEZO

AMAXABISO ATHOTYIWE: THENGA! THENGA ! WAPHOSWA!
Ongayiwayo yena unomathotholo we-R 1,999,99! Ugqamza ngomyoli wona umculo ofana namanzi ampompoza evela emthonjeni. Ixabiso lelifikeleleka kuwonke-wonke. Ucofa nje iqhosha zibe seziduma. Khawuleza kusele oonomathotholo aba-3 kuphela. Le ntengiso ingoMgqibelo kuphela.

Chonga apha amagama/iziqwenga ezi-2 ezisetyenziswe ngumbhali ezinokwenza umthengi akhawuleze aye kule venkile. Chaza nendlela ayenze ngobuchule ngayo loo nto. **[4]**

UMBUZO 7

Nika igama elinye endaweni yebinzana ngalinye kula alandelayo:

7.1 Ingxelo engaqinisekiswanga. (1)

7.2 Umntu onelizwi elitshileyo. (1)

7.3 Ukubasela umlilo (1)
[3]

UMBUZO 8

8.1 Kwezi zifanokuthi zilandelayo khetha isifanokuthi esibolekwe kolunye ulwimi. Bhala kuphela ezizezemboleko.

8.1.1 itshomi > umhlobo (1)
8.1.2 ukutolika > ukuguqulela (1)

8.2 Igama 'iqabane' linganeentsingiselo ezimbini, eyokuqala ibe yile yentsusa, ukuze kube kho intsingiselo edalwe ziimeko zepolitiki. Sinike zombini ezi ntsingiselo ngezivakalisi. (2)
[4]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU ELI PHEPHA EWONKE: 70